



yenza
ugonyo

ukuze uzokuba
kunye nabantu
obathandayo.

**MASE-
NZENI
LENTO**



Izitofu zibonelela ngokhuselo olugqwesileyo kukugula okumandundu kunye nokubhubha ngenxa ye-Covid-19. Zivavanywe zacokiswa, kumazwe ngamazwe nasekuhlaleni, kwaye kukho ubungqina bokuba zikhuselekile kwaye ziyasebenza.

Ukubhalisela ugonyo yinkqubo ekhawulezileyo nelula:

- 1 Yiya ku-[westerncape.gov.za](https://www.westerncape.gov.za) uze ucofe kule linki yokubhalisa.
- 2 Bhala iinkcukacha zakho ezisisiseko, kuquka inombolo yakho ye-ID okanye yepaspoti.
- 3 Bonelela ngenombolo yeselfowuni, apho kuza kuthunyelwa khona nge-SMS isiqinisekiso sokubhalisa kwakho kunye neenkcukacha zokubhukisha kwixesha elizayo.
- 4 Bonisa ukuba ungathanda ukwenziwa ugonyo phi, nini.
- 5 Faka iinkcukacha zakho zemedikhali eyidi ukuba unayo – ayinamsebenzi nokuba awunayo.
- 6 Jonga ukuba zonke iinkcukacha zakho zichanekile, uze ucofe kuzingenise. Isistimu iza kuthumela i-SMS engqina ukubhalisa kwakho kule sistimu. Xa ilithuba lakho, uza kufumana i-SMS yesibini enexesha nendawo yedinga lakho. Kuza kufuneka ubabonise yona kwisayithi yogonyo, kunye ne-ID yakho.
- 7 Ukuba ufumene isitofu esingamathamo ama-2, njengesitofu sakwaPfizer, uya kunikwa umhla wedinga lokulandelela.

Ukuba uyasokola ukubhalisa okanye awunayo i-intanethi, cela ilungu losapho okanye umhlobo okanye umntu othembakeleyo wasekuhlaleni akuncede.



URhulumente
weNtshona Koloni

Thumela igama elithi **'BHALISA'** ku-**0600 123 456** ngoWhatsApp okanye dayela u-***134*832#**. Malunga nokufumana inkxaso yokubhalisa, tsalela ku-**0860 142 142**, okanye yiya ku-www.westerncape.gov.za